

# PULA IMVULA

>> GROWING FOOD >> GROWING PEOPLE >> GROWING PROSPERITY >>



EYENKANGA  
2015

*HALALA, baLimi beGrain SA!  
HALALA, qela leGrain SA  
loPhuhliso lwabaLimi!*

Imazini yakwaGrain SA  
yophuhliso lwabavelisi

Bala Moteng:



**K**wakhona abalimi, ngezivatho zabo ezimbetshebetshe zenkubeko yabo, bathontelene eBloemfontein bevela kwiimbombo zone zoMzantsi Afrika beye kuchitha usuku lwemincili ndawonye ukuze kubalulwe ukukhula, inkqubela nokusebenza nzima kwabo kubhiyozelwe impumelelo yabo.

IBILUSUKU LOMBHIYOZO kwiqela leGrain SA nakumalungu eNkubo yoPhuhliso lwabaLimi yaseGrain SA – nosuku lokubalula inkqubela yoluntu ebangelwe kukusebenza nzima kwamadoda namanenekazi asebenza emasimini abo ukuze bavelise ukutya kweentsapho zabo nokwesizwe.

Umoya ongqonge indawo yetheko ubuphuphuma sisandi somculo wemarimba obukhatshwa yimibuliso yobubele babantu abebulisanana nabahlobo abavela kwiimbombo zone zeli lizwe. lindwendwe bezisamkelwa neti ehamba namaqbengwana nebifudumeza uphefumlo kwade kwafika ixesha lokuva iindaba ezimnandi zokuba ngoobani abagqwesileyo nabaphume phambili kuzozontathu izintlu: uMlimi woNyaka oLimela ukuziPhilisa, uMlimi woNyaka oRhweba kaNcinane kune no-Mlimi woNyaka oRhwebayo kwiXesha eLitsha. AbaPhathi beziThili uJohan Kriel noDanie van den Berg babulele amalungu eQela labaGwebi abahambe amawaka eekhilomitha bejongene

02 | UMakhulu uJane uthi...

06 | Yiba nolawulo  
kwityala lakho

08 | I-Grain SA kudliwano-  
ndlebe...noThemba Congwane



03



07

08



## UMAKHULU UJANE UTHI...

**K**ule Pula Imvula kukho inqaku malunga nee nkubo zokuqesha umhlaba eMzantsi Afrika. Nokuba yeyiphi inkqubo yakho yokuqesha, okanye mhlawumbi "unobunini" bomhlaba okanye akunjalo, umba obaluleke kakhulu wokufama kukusetyenziswa komhlaba. Enyanisweni, thina sonke siyawusebenzisa kuphela umhlaba – wona ngowezikulwana zexesha elizayo. Wonke umntu onofikelelo emhlabeni ufanele ukubekwa kwisimo sokuwusebenzisela ukuba nesivuno umhlaba. Kukuwusebenzisa umhlaba okwenza ukuba abalimi bawkazi ukuzondla baphinde bondle nesizwe. Ngelishwa sinabalimi abaninzi abanomhlaba abangakwaziyo ukuwusebenzisa ngenxa yokungabi nabo oomatshini okanye iimveliso zamalungi-selelo – lo ngumceli-mngeni esizama ukwuqwalasela.

Kwakhona, sesinolwazi ngamaqumrhu ahluka-hlukileyo axaphaza abalimi xa esenza ngathi ayabanceda. Athi aqhuba "uphuhliso Iwabali" kanti ngelo xesha bazi-teybisa bona. Ndilubonile uhlahlo Iwabiwo-mali Iwezinye zezo projekthi kodwa iindleko zazo zemveliso zikholisa ukuphinda-phindwa kabini kwezo zabalimi abarhwebayo. Ukusetyenziswa kweekhontraktha asiyonto intsha kuthi, kodwa kwiziganeko ezinanzi, "iinzuso ezibanzi" zifihleka apha. Lindleko zakho zokusetyenziswa koomatshini azifanelanga kudlula kwiR1 800 ngehektare nganye ngayo yonke imisebenzi kanti asiyonto inqabileyo ukubona uhlahlo Iwabiwo-mali olungaphezu kweR3 000 ngehektare. Kwezi ziganeko, iikhontraktha zizo ezenza imali. Olunye uhlahlo Iwabiwo-mali olugqithe etafileni yama kutshanje beluquka iR2 000 ngehektare nganye "yokuchongeka kwabali" – libholo elo! Xa ubabuza aba bantu bathi oko kulungile kuba abalimi bafumana "i-granti" kuRhulumente. Andinakuyivuma loo nto – iigranti zivela kwiirhafu ezhilawulwa ngabemi ngenxa yoko asinakukuvumela ukusetyenziswa kakubi kwezi rhafu.

Sinovuyo olukhulu ngeprojekthi yeNgxowa-mali yeeNgqesho esiza kuyenza kwiminyaka emine ezayo – kulo nyaka siza kunceda abalimi abayi-1 700 ukuze basebenzise imigaqo yokulima yanamhla emasimini abo ehektare e-1 kwimimandla yangaphandle ephilisano. Akukhathalseki nokuba unofikelelo emhlabeni omncinane – kuloo ntsimi unako ukuvuna iimveliso onokuzithengisa. Unako ukondla usapho Iwakho nokufaka igalelo kwingobozi yokutya yaseMzantsi Afrika.

Lithateli thuba kuba kufuneka ulime ukuya kwe-sizwe sethu – uyadingeka ukuze wenze igalelo. ☺

## Halala, baLimi beGrain SA! Halala, qela leGrain SA IoPhuhliso IwabaLimi!



*Subsistence*

Abagqwesileyo kuMlimi woNyaka ka-2015 waseGrain SA/ABSA kwabaLimela ukuziPhilisa naba: uMusawenkosi Ntombela, uNgubengcuka Moyo noJabulani Mbele.



...ophume phambili kuMlimi woNyaka ka-2015 waseGrain SA/ABSA kwabaLimela ukuziPhilisa nguNgubengcuka Moyo. Abavuyisana noNgubengcuka, ukususela ekhohlo, nguJane McPherson (uMphathi weGrain SA: kwiNkqubo yoPhuhliso IwabaLimi), nguRamodisa Monaisa (uSothebo noSekela-sihlalo weQela IoMsebenzi woPhuhliso IwabaLimi), uJannie de Villiers (iCEO: yaseGrain SA) noErnst Janovsky (Intloko: kwiCentre of Excellence ABSA AgriBusiness).

nomsebenzi onzima wokukhetha abaphume phambili kuluhlu ngalunye.

Bekucace gca ukuba umnyulwa ngamnye ukhulile kwimisebenzi yakhe yokulima ngendlela ethile. Abaninzi baxele izandiso zabo ezmangalisayo kwizivuno zabo ngenxa yokuba befumene ulwazi oluthe vetshe ngeendlela zokubenza ezi-balaseleyo kwiindawo abahlala kuzo nangenxa yokufunda banzi ngokubaluleka kokutshabala-lisa ukhula, ukugcina umhlaba usempilweni entle nangokukhetha imbewu. Kuyachulumachisa ukuba iindlela iinguquko ezimbawla ezi-necinane kwimisebenzi yabo yokufama ezibe neziphumo zokwandisa izivuno zabo ngendlela emangalisayo kwaza oko kwabakhuthaza ngakumbi ukuba balime izityalo ngokuthe kratyabandise nemisebenzi yabo yokufama.

Iindlela ekumnandi ngayo ukuba iindaba zokuba umlimi omnye uye wakwazi ukondla

ikhaya lakhe waza wathengisa ukuya okuse-leyo ukuze afumane imali eyikheshi ayisebenzisela usapho Iwakhe alugcine lusempilweni entle! Kwihiabathi lophuhliso akusoloko kwi-yimisebenzi emikhulu yokufama ebalulekileyo... ukuziphucula okuncinane kunako ukuguqula ubomi babantu basemaphandleni – nantso into ebalulekileyo! Abalimi abaninzi basixelete ukuba nangona ixesha lokulima lango-2014 ukuya ku-2015 belibalele, bakwazile ukufumana izivuno ezincumisayo. Oku kube sisiphumo samacebiso axatysiweyo afunyenwe kwiqela laseGrain SA nakubacebisi.

Abalimi bebethetha ngobudlelwane obumangalisayo abanabo nabacebisi ababanika amacebiso emasimini abo. Abaninzi baphinde bagxinisa ukubaluleka kokwakha ubudlelwane obulungileyo nabalimi abarhwebayo kune namashishini ezolimo. Kukho umlimi othe



## Smallholder

*uDaliwonga Nombewu, uLawrence Mtsweni noSalphanius Motswe-nyane ngabaggwesileyo kuMlimi woNyaka ka-2015 waseGrain SA/Syngenta kwabaRhweba kaNcinane.*



*Ophume phambili kuMlimi woNyaka ka-2015 waseGrain SA/Syngenta kwabaRhweba kaNcinane, nguDaliwonga Nombewu.*

## New Era Commercial



*Abaggwesileyo kuMlimi woNyaka ka-2015 waseGrain SA/ABSA/John Deere Financial kwabaLimela ukuRhweba kwiXesha eLitsha nguVuyani noLungelwa Kama (uLungelwa ebengkho), uMaseli Letuka noSolomon Masango.*



*USolomon Masango, ekhatshwe yinkosikazi yakhe ethandekayo, uChristina, uphume phambili kuMlimi woNyaka ka-2015 waseGrain SA/ABSA/John Deere Financial kwabaLimela ukuRhweba kwiXesha eLitsha. UJannie de Villiers, uRamodisa Monaisa, uErnst Janovsky noAnto van der Westhuizen (Intloko: kwezeMali yeeNtengiso – kwiSub Sahara Africa, iJohn Deere Financial) ivuyisana nophume phambili ngeqhayiya.*



## Halala, baLimi beGrain SA! Halala, qela leGrain SA loPhuhliso IwabaLimi!

ufumana amacebiso obungcaphephe malunga nemilinganiseloukusebenzisa isixhobo sokunkcenesha ngesesa ngalinye lokulima kuba iimveliso nemithamo inako ukuguquka ngonyaka ngamnye. Iziphumo eziphucukileyo zensiwe kuktshatyalaliswa kokhula phucukileyo, ukuhlalutya kweesampulu zomhlaba, ukukhethwa kwembewu yemihlanganisela, ukusebenzisa ukujikeleziswa kwezityalo kune nokufama nglondolozo lokingawuphethuli umhlaba. Loo miba yokuphucula indlela yokusebenza ibe nesiphumo esimangaliso. Abalimi baphinde bagxininisa ukabaluleka kolawulo Iweshishini nemali. Bonke abaphume phambili bathe bebesiya kwizifundo zaseGrain SA ngokwabo baphinde baxhobise abasebenzi babo ngokubathumela kwizifundo nabo.

Bekuyiyolisa intliziyo ukubona ukuba bangaphi abalimi abaphambili abancoma nababulela amakhosikazi abo, oonyana neentombi abazinikele ekuncediseni ngokwakha imisebenzi yokufama ekohkelele kwimpumelelo ngokunika inkxaso emasimini, kulawulo lweofisi nasekunediseni ngokuthengisa.

**Ophume phambili kuMlimi woNyaka ka-2015 waseGrain SA/ABSA kwabaLimela ukuziPhi-  
lisu nguNgubengcuka Moyo** onomcebisi ongu-Lawrence LutangoovelakwifisiyaseMthatha. Wonke umsebenzi wakhe wokufama uwenza ngesandla kodwa izivuno zakhe zandile ngenxa yokusebenzisa isixhobo sokutyalu ngesandla kune nesokunkcenesha sehapulusaka. Ukhetha ukufama ngokusebenzisa imigaqo yokungawuphethuli umhlaba kwaye kuyamonwabiso ukubona ukuba oku kuyamceda ekulondolozeni umhlaba ukwenzela izizkulwana zexesa elizayo. Uhlala kwisithili esisemaphandleni enene nesingenazibonelelo zokusebenza zingako kwaye uthi owna mceli-nmgeni mkhulu ajongene nawo kukuthengisa izityalo zakhe.

**Ophume phambili kuMlimi woNyaka ka-2015 waseGrain SA/Syngenta kwabaRhweba kaNci-  
nane, nguDaliwonga Nombewu** waseMpuma Koloni. Umphathi wakhe waseGrain SA wesithili nguVusi Ngesi waseMaclear. Nakwelishesa lokulima lembalela iihktare zakhe eziyi-13 zombona zibe nesivuno esimalunga neeton eziyi-4,5/ngehetkare. Lo mlimi oselula ukhuthazeke kangangokuba unenjongo yokukhula ngokurenta eminye imihlaba. Ukholelwka ekuben kubalulekile ukwandisa iimeko zemingcipheko kwaye ngokunjalo ulima iimboty ezomileyo, iitapile nesipinatshi njengeemveliso ezithengwa kakhulu kwindawo yakhe kwaye zi-yamnceda kumqukuqelo wemali eyikheshi. Uyinoma kakhulu inkosikazi yakhe esebebzisana naye kwishishini lokufama kwaye bobabini bajolisa kwimisebenzi elungileyo yolawulo lweofisi.

**UMlimi woNyaka ka-2015 waseGrain SA/  
ABSA/John Deere Financial kwabaLimela uku-**

**Rhweba kwiXesha eLitsha nguSolomon Ma-  
sango.** USolomon uqhube umsebenzi wokufama eCarolina kanti uMququzeleli wakhe woPhuhliso waseGrain SA uNaas Gouws kutshanje uthathe umhlalaphantsi. (UJurie Mentz usandul' ukungena ezinyaweni zakhe njengomququzeleli). USolomon usebenzisa umgaqo wokungawuphethuli umhlaba kwaye ulima umbona, iimboty zesoya kune neesugar beans. Ugxininiwa ukubaluleka kobudlelwane obulungileyo namanye amafama kune nabacebisi abamncedisa ngokwenza ucwangcisel Iwakhe. Ukholelwka ukuba kubalulekile ukujonga phambili enkalweni nokwenza isicwangciso sexesa elilandelayo lokulima kuselithuba. USolomon ubaxabisile abasebenzi bakhe basefama ngokokude alimele umsebenzi ngamnye iihktare ezimbalwa. Ubone inkqubela emangalisayo kuba izivuno zakhe zande ukususa kwiiton eziyi-3,5/ngehektare ukuya kwiiton eziyi-6/ngehektare. Ukfanele ngenene ukuba ngophume phambili nophiwe ibhaso elingumanganiso: Itrektara entsha rhaca yeJohn Deere 5403 MFWD 48 kW. Eli lelona bhaso likhulu esakhe saba nalo kwaye sibamba ngazo zozibini kulwahlulelwano oluphakathi kweABSA neJohn Deere Financial. Yhu! Onjalo wona umbhiyozo ebésinawo! Ilinyembezi zovuyo nokungakholelwka entweni ebonwa ngamehlo ibiziimvakalelo ebezibonakala zikhuphisana ebusweni bukaSolomon nenkosikazi yakhe xa bebeziqhelanisa neendaba zosuku.

Konwatylewe uncuthu Iwesidlo sasemini phakathi kwezandi zemiyiyizelo kwamana kudu-duziswa netrektara yeJohn Deere xa abanye abalimi bebencoma ibhaso likaSolomon. Kancinane, kancinane abalimi baye bagoduka, bebuyela emisebenzini yabo ngokwesinqisho selanga nesamaxhesa okulima – besebenza emasimini abo kufuphi noNozala weNdalo bezele yinkuthazo entsha namathemba okufumana amava okuwo-ngwa ngamabhaso kwixesha elilandelayo lokulima.

Siyababulela abaxhasi bokhutshiswano ngezandla zabo ezhishushu nabo bonke abanye abaxhasi nabahlobo beNkubo yaseGrain SA yo-Phuhliso IwabaLimi abaye baba nathi ukuzimasa USUKU LOMBHIYOZO beshiya amakhaya abo ngoncumo olukhulu neentliziyo ezifudumeleyo – kuba ukuzidibanisa kwabo nabalimi baseMzantsi Afrika KUSOLOKO kusenza njalo emntwini! Phambili Grain SA! Phambili ngoPhuhliso IwabaLimi IwaseGrain SA!

*Inqaku linikelwe nguJenny Mathews, umbhalo kwiPula Imvula. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha: jenjonmat@gmail.com.*



# YIBA NOLAWULO kwityala lakho

Iyinyaniso elokuba lo nyaka, ngenxa yeemeko zembalela, ukulima khange kube nesiphumo ebesisilindeleleki okanye ebefanelekile. Ngoko ke abalimi abaninzi bacinezelwe ngamatyala, ngakumbi lawo enziwe ngeenjongo zokulima, nangahlawulwanga ngokupheleleyo okanye angahlawulwanga kwaphela.

Ityala elibizwa ngokuba lelingekahlawulwa okanye eliuswa kwixesha langaphambilii likholisa ukuba lityala elixhalabisayo nelibeka ishishini lakho kuxinzelelo olunzulu lwemali lide lihlawulwone lonke ityala. Kwishishini lokufama, akusoloko kusenzeka ukuhlawula ngemali eyikhesi kwaye ngamany amaxesha umlimi uyanyenzeleka ukuba aboleke imali. Ngoko ke akumangalisi ukuzibona ukwimeko enjalo. Abantu abaninzi nabo sebekhe bangena kwingxaki elolu hlobo kwiminyaka ngeminyaka. Okubalulekileyo yindlela oyilawula ngayo le meko.

Zimbini iindlela zokulawula ityala. Enye yazo ayifuneki kuba ingonakalisa ubudlelwane bakho nabanye unaphakade. Kanti enye ingaqinisekisa ukuphumelela kwakho ubonakale uthembeke ngakumbi ngokunjalo uhlonipheke kunakuqala ube nemballi engenamakhwiniba yokufanelwa ukunkwa ityala.

Asikwazi ukulawula okanye ukuphatha iimeko zeshwangusha, kaninzi isizathu sazo kukunyumpantyumpaka ematyaleni, kodwa sinako ukulilawula ityala elingekahlawulwa. Ndifanele ukwenza ntoni xa ndikwimeko efana nale?

Xa unetyala elingekahlawulwa hambar uye KUTHETHA NABABOLEKISI BAKHO (amazikowakwelita imali). Sukubabaleka. Tyelela umbolekisi ngamnye wakho ubuqu babo uchaze ingxaki yahko. Xhasa inkcazo yakho ngemiba eyinyaniso – umzekelo, singakanani isivuno sakho sesiqhelo sexesha elide nokuthi kwixesha elidlulileyo lokulima ubunesivuno esingakanani. Kananjalo, xela ukuba unazicwangciso ziphi zokulungisa imeko okuyo. Phinda uyixhase le nkcazo ngokuyibhala. Yiba soloko ubachazela xa imeko isiya ngokulunga.

Mhlawumbi ungamaliswa zizimvo ezinika ithembwa onokuhlangana nazo. Uluvu lwababolekisi kaninzi luqala ngokuba lolokufuna ukukuncedisa ukuba ukwazi ukuqhube ngeshishini – oko kuthetha ukuba bazakufumana imali ethe kratya kwithuba elide.

Nangona kunjalo phambi kokuya kuthetha kubabolekisi bakho qala wenze lo msebenzi.

Hlanganisela uhlahlo lwabiwo-mali olubuye-lweyo (isicwangciso sezinto eziphathekayo nesemali) uthatheli ingqalelo ityala elingekahlawulwa. Xela into oza kuyenza kwaye nini nokuthi iza kuba neendleko ezingakanani nokuba iza kuba yimalini ingeniso yakho. Xela iindlela oza kulihlawula ngayo ityala elisemva ngeentlawulo. Inxene yesecwanciso esibuyelwayo iya kuba kukuphungula iindleko zakho zeshishini kune neendleko zobugu bakho kangangoko kunokwenzeka. Ngamany amazwi, umvuzo wakhe mawunciphe. Shenxisela emva nayiphi inkcitho yeshishini (ukuthenga impahla yexabiso ude uphume enkathazweni).

Xa uhlanganisela uhlahlo lwabiwo-mali olubuye-lweyo cinga nangezinye izicwangciso ngokuqwalesela ishishini lakho nzulu. Izicwangciso ezizezinye zisenokuba kukucela ukuyuselwa kwethutyanwa kwemida yemali yetyala onokuyisebenzisa, ukucela ukuhlenga-hlengiswa kwesimo setyala lakho elingekahlawulwa, ukuhlawula inzala yetyala lakho kuphela ngomhla obuyiselwe emva, ukucinga ngokuliyeka ishishini elingakuniki nzuzo okanye elingenanzozo intle, kune/okanye ukucinga ngokuthengisa impahla yexabiso engenanzozo efana nezixhobo/zithuthi onokuphila ngaphandle kwazo. Ukuba ikhona imali oyiqokeleleyo, yisebenzisele ukuhlawula ityala – inzala ehlawulwayo isoloko ingaphezu kwenzala efunyanwayo.

Ukuhlenga-hlengisa iimali-mboleko kutetha ukucela ukuhlawula ityala elisemva kwixesha elandisiweyo, okanye ukucela ukuphumzwa kwintlawulo okwethutyanwa. Khumbula ukuba nokuba yintoni oyenzayo iya kuba neendleko zayo – iza kwanda inzala oyihlawulayo. Akukho mntu uya kunkceda simahla.

Ngoko ke kuxomekeke kuwe ukuqhube ngezi zicwangciso. Inkcitho yakho mayihambelane nohlahlo lwabiwo-mali lwakho ukuze ukwazi ukulawula iindleko neenkitho zakho.

Kulumkele ukuzibhaqa sowuthenga ngenxa yokuthabathea kwelo thutyanwa. Ziqeqeshe – chitha imali ngokohlalho lwabiwo-mali lwakho. Loo ndlela ibonisa ulawulo lwemali olufaneleki-leyo. Khumbula ukuba sowusengxakini kwaye umnini/umphathi weshishini lakho nguwe kuphela onokubuyisela ishishini lakho kwimeko efaneleki-leyo yemali kwakhona. Akukho mntu oza kukwenzela oko.

Okokuggibela, kabaluleke kakhulu ke ngoko ukuba usoloko uzihlaziya iinkukacha ozinika ababolekisi bakho rhoqo (mhlawumbi kanye ngenyanga obona buncinane) malunga nenqubela yakho. Kaloku ujongene nedabi lobukho beshishini lakho kwixesha elizayo ngoko ke nokuphila kwakhona. Gcina iziqgiblo zakho.

Kwakhona, khumbula omnye wemithethosiseko esiwugxinisileyo wokuba yonke into kwaye wonke umntu, osebenza ngokufama, nokuba ngumnini/umphathi okanye abasebenzi, owenza okanye ongakwensiyo okufaneleki-leyo xa kuyimfuneko, uchaphazela inzuzo/ilaheko yeshishini. Luxanduva lwakho ngokusemthethwesi ukuhlawula nayiphi imali-mboleko. Ngokungahlawuli nangokuphepha ababolekisi bakho wonakalisa ubudlelwane bakho nabo. Ngokulawula ityala lakho elingekahlawulwa ngokwemithethosiseko eseyikhankanyiwe uya kudala ubudlelwane obomeleleyo. Ubudlelwane obomeleleyo bufana nempahla yexabiso esentloko ukuze liphile ishishini lakho. Kwixesha elizayo usenokudinga iindlela elula yokufumana imali yetyala kuba abantu bayakuholonipa ukuthembeka nengqiqo. ●

Inqaku linikelwe ngu **Marius Greyling**, umbhali kwi **Pula Imvula**. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha: mariusg@mccacc.co.za



## Pula Imvula's Quote of the Month

*"Nothing can stop the person with the right mental attitude from achieving their goal; nothing on earth can help the person with the wrong mental attitude."*

~ Thomas Jefferson



# Uyandlele ibhedi yakho ngoku ngqengqa kuyo

**W**enze isigqibo ngoku yamkela iziphumo zaso – esi saci sakudala sikhola uku-setyenziswa xa abantu benkwiniziswa ziingxaki abazidalele zona ngokwabo.

Musa ukuzifaka emgibeni wokungawaggali ngnonophelo amalungiselelo omandlalo wezithole zesityalo sakho esitsha sombona. Kusenokwakha okanye kwaphule isityalo sakho phambi kokuba siqalise ukukhula, ukuze isiphumo sibe kukukhathazeka ngengxaki ebangelwe nguwe!

Yinyaniso ukuba izinto ezininzi ziza kuba nefuthe kwisivuno saso nasiphi isatyalo ekugqibileni nokuba kungasizathu siph. Kwinqaku lenyanga edlulileyo kuxoxwe ngokubaluleka kolondolozo lwsixhobo sokutyalu kanye nemilinganiso yaso kwaza kwatyhilwa ukabaluleka kokufakwa kwembewu ngokuchanekileyo kananjalo namanani afanelekileyo esityalo kodwa... UKUBA LOO MBEWU ayifakwanga kumandlalo wezithole olungiswe kakuhle, oko kusenokuwucima wonke umsebenzi omhle owenziweyo wokulima!

Ngamanye amaxesha siyasiikeleka, njengoko bekujalo kwizithili ezininzi kulo nyaka, ngenxa yemvula ezikhawuleze zafika ezisinike ixesha elininzi lokulungisa umhlaba phambi kokutyalu. Kodwa okusuka kwenzeke ngumceli-mnjeni wokhula oluqalisa kwangoko neentlobo zengca ezifanele ukutshatyalalisa kuba kaloku akufuni kulahlekelwa kuko konke ukufuma okuxabisekileyo okufunxwa lukhula.

Umandlalo wezithole olungileyo sukuba sowuqaliwi kumalungiselelo okuqala, nokuba ulima ngendlela yakudala yekhuba, ngolondolozo okanye ngokuhlakula okukokona kuncinane, ngokusebenzisa izixhobo ezinamazinyo, okanye ukungahlakuli kwaphela.

Uya kusoloko udinga umndlalo wezithole olungileyo nolungeleleneyo aphi uza kubeka khona imbewu yakho. Ukubamba ixesha lamlungiselelo omandlalo wakho wezithole nako kubalulekile njengoko iziphumo zingasayi kuba zizo xa umhlaba

wakho mhlawumbi umanzi kakhulu okanye wome kakhulu. Oku kunokufunyanisa ngovavanyo olulula olwenziwa ngesandla aphi kukhiwa khona umhlaba uze ucudiswe. Ngaba uvakala uncangathi? Uyakwazi ukwenza ibhola ebumbanayo? Ngaba wenza intambo xa uwucudisa phakathi kobhontsi nomnwwe wokwalatha? Ukuba kunjalo oko kuthetha ukuba kugqithisile ukufuma akufanelanga kuqalisa ngamalungiselelo omandlalo wezithole.

Imihlaba elungele amalungiselelo omandlalo wezithole ifanele ukucumka lula phakathi kwe-minwe yakho. Akufuni kwenza amalungiselelo akho okugqibela xa umhlaba umanzi kakhulu okanye wome kakhulu! Kwelinye icala uya kuba nomndlalo wezithole ocumke kakhulu onokugangatheka lula ngaphezelu kwaye uphephetheke lula xa kuvuthuza imimoya (ukhukuliseko lomoya) okanye xa wome kakhulu usenokuba namagade amakhulu angaqhekekiyo nachaphazela ukudibana nomhlaba wembewu ukuze ukuntshula kungenzeki kakhulu kwaye kungalungelelana. Xa umndlalo wezithole ulunge kakuhle, oko kukuthi, ungacolekanga kakhulu kwaye ungekho rhabaxa kakhulu, ngoko ke umba olandelayo obalulekileyo kukulungelelana.

Xa umndlalo wezithole wakho unje ngokuba ufanele, oko kvumela ukuba imbewu ifakwe kubenzulu obulungeleleneyo ngoko ke izityalo kulula ukuba zintshule ngaxeshanye ukuze ilungelelana indawo eulinwe kuyo. Ubunzulu bokutyalu nabo bulungelelana ngokuthe kratyukhuthaze ukuhluma kwembewu ngaxeshanye nokukhula ngesanty esifanayo. Xa kunjalo imbewu ikhuphisana ngokulinganayo ngokufumana amanzi nezondlo ezifumanekayo emhlabeni ukuze ekugqibeleni kufumaneke isivuno esiphucukileyo.

Inkqubo yamalungiselelo omandlalo wezithole iphumeza izinto ezifana nezi:

- Ukuqababalisa ukhula phambi kokutyalu;
- Ukuhlanganisa intsalela yeziyalu, umgquba, izondlo neekhemikhali zokutshabalisa ukhula ezifakwa emhlabeni;
- Ukunciphisa ukugangatheka komhlaba;

- Ukuqababalisa ukhula ongaphezelu ukuze kucutheke ukhukuliseko lomhlaba;
- Ukwenza ukuba isixhobo sokutyalu sinike ubunzu lu nezikhewu phakathi kwembewu ngokulungelelana;
- Ulondolozo lokufuma komhlaba;
- Ukwenza ukuba ukufuma komhlaba okungezantsi kwembewu kunyukele phezulu kwimbewu njengoko umphezulu womhlaba ulahlekelwa kufuma;
- Ukunciphisa amagade omhlaba kubenzulu bembewu ukuze kukhuthazwe ukudibana komhlaba nembewu okungangoko kunokwenzeka kanti kwangelo xesha kubekho amagade ambalwa angaphezulu ukuze kunciphe ukhukuliseko lomhlaba; kananjalo
- Kuncipha izikhoko zomhlaba ezithintela imbewu ukuba ingahlumi ngokulungelelana.

Yiba soloko ukhumbula ukuba nangona imbewu yombona yona ngokwayo ibukeka inkulu kwaye idlamkile, iingambu zayo ezelula nezibuthatha zidinga ukupuhlu kumandlalo wezithole kwaye zinengxaki yokukhula emhlabeni egangathekileyo. Ukuba iingambu azikwazi kugqobhoza emhlabeni kuyancipha ukufumana kwazo ukufuma nezondlo ukuze oko kucithe isivuno esinokubaho kwakweli banga lisekuqaleni.

Imandlalo zezithole mazilungiswe kwangoko ngenjongo yokuphumeza ukuntshula okukhawulezayo, okulungeleleneyo nokukhula okuqalisa kwangoko okungathintelekiyo. Ngaphaya koko, oku makwensiwe selisondele kangangoko ixesha lokutyalu kodwa xa isina imvula phakathi kwalungiselelo omandlalo nokutyalu, yiba nomonde ulinde ukuba imihlaba yome ngokwaneleyo phambi kokutyalu.

**Inqaku linikelwe ngu Jenny Mathews, umbhali kwiPula Imvula. Ngolvazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha: jenjonmat@gmail.com.**



Sebenzisa nantoni ofikelelayo kuyo.



Umhlaba uqhekeka kamnandi.



Umandlalo wezithole olungisiweyo – unamagade amakhulu kakhulu.

Iqela labahleli

## GRAIN SA: BLOEMFONTEIN

Suite 3, Private Bag X11, Brandhof, 9324  
7 Collins Street, Arboretum  
Bloemfontein  
► 08600 47246 ▲  
► Fax: 051 430 7574 ▲ [www.grainsa.co.za](http://www.grainsa.co.za)

## UMHLELI OYINTLOKO

Jane McPherson  
► 082 854 7171 ▲ [jane@grainsa.co.za](mailto:jane@grainsa.co.za)

## UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel  
► 084 264 1422 ▲ [liana@grainsa.co.za](mailto:liana@grainsa.co.za)

## UYILO, UBUME NOSHICILELO

Infoworks  
► 018 468 2716 ▲ [www.infoworks.biz](http://www.infoworks.biz)



## IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

iSiXhosa,  
IsiNgesi, IsiBhulu, iSeTswana,  
iSesotho sa Leboa nesi IsiZulu.

## Inkqubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi

### ABAQUQUZELELI BOPHUHLISO

Danie van den Berg  
Free State (Bloemfontein)  
► 071 675 5497 ▲ [danie@grainsa.co.za](mailto:danie@grainsa.co.za)

### Johan Kriel

Free State (Ladybrand)  
► 079 497 4294 ▲ [johank@grainsa.co.za](mailto:johank@grainsa.co.za)  
► e-Ofisini: 051 924 1099 ▲ Dimakatso Nyambose

### Jerry Mthombothi

Mpumalanga (Nelspruit)  
► 084 604 0549 ▲ [jerry@grainsa.co.za](mailto:jerry@grainsa.co.za)  
► e-Ofisini: 013 755 4575 ▲ Nonhlanhla Sithole

### Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)  
► 082 354 5749 ▲ [jurie@grainsa.co.za](mailto:jurie@grainsa.co.za)  
► e-Ofisini: 034 907 5040 ▲ Sydwell Nkosi

### Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Louwsburg)  
► 084 582 1697 ▲ [graeme@grainsa.co.za](mailto:graeme@grainsa.co.za)  
► e-Ofisini: 034 907 5040 ▲ Sydwell Nkosi

### Ian Househam

EMpuma-Koloni (Kokstad)  
► 078 791 1004 ▲ [ian@grainsa.co.za](mailto:ian@grainsa.co.za)  
► e-Ofisini: 039 727 5749 ▲ Luthando Diko

### Liana Stroebel

ENtshona-Koloni (Paarl)  
► 084 264 1422 ▲ [liana@grainsa.co.za](mailto:liana@grainsa.co.za)  
► e-Ofisini: 012 816 8057 ▲ Hailey Ehrenreich

### Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)  
► 082 877 6749 ▲ [duoit@grainsa.co.za](mailto:duoit@grainsa.co.za)  
► e-Ofisini: 012 816 8038 ▲ Lebo Mogatlanyane

### Julius Motsoeneng

North West (Taung)  
► 072 182 7889 ▲ [julius@grainsa.co.za](mailto:julius@grainsa.co.za)

Articles written by independent writers  
are the views of the writer and not of Grain SA.

# I-Grain SA kudliwano-ndlebe... noThemba Congwane

**U**Jarie Mentz, uMquuzeleli wethu woPhuhliso eVryheid, ubambe udliwano-ndlebe noThemba Congwane malunga nalo lindixeha wePula Imvula. Uthando lukaThemba lokufama lwaqalisa esemncinane, njengoko wayekhulele efama kwaye enephupha lokuba ngumilimi ophucukileyo kananjalo waba nesicwangciso sokukuphumeza oku ngokuzuza ulwazi nokusebenza nzima ukuze afeze iinjongo zakhe.



### Uwuqhube phi umsebenzi wokufama kwaye ngeehektare ezingaphi? Ulima ntoni?

Ngoku ndilima iihektare eziyi-186 kwifama endiyifumene ngenkqubo yenguuko yomhlaba. Ndaqala ngokulima iihektare ezimbalwa zombona ndaze ndawandisa umsebenzi wam ngokukhula kolwazi lwam ekuhambeni kwexesha. Kwixesha elidlulileyo lokulima ndilime iihektare eziyi-60 zombona kwaye ndinesicwangciso sokulima malunga neehektare eziyi-90 zeziyalo kwixesha elizayo lokulima. Ndinenjongo yokutyalia iimboty zesoya kweli xesha lizayo ukuze ndenze uijkeleziso lwezityalo kunye nentwana yombona. Kanti sikwanazo nezityalo ezikhuliswa zisekoonoza bazo efama kunye noohlambi weenkomo eziyi-30.

### Zinto zini ezikukhuthazayo?

Ndikhuthazwa kakhulu kukubona abalimi abarhwebayo. Nam ndinomnqweno wokufana nabo. Oyen-a mntu wandikhuthaza kakhulu nguMnu David Gooseberg owatyunjwa yiAFGRI waza waba ngumncedisi wam wokuqala. Umntu kufuneka asebenze nzima ngamandla amakhulu efama kwaye azibekelo iinjongo ajolise kuzo.

### Chaza imiba onamandla kuyo nobuthathaka kuyo

**Imiba yamandla:** Awona mandla makhulu ndiwafulana kusapho lwam olusoloko lundixhasa ngalo lonke ixesa kanti ndiyazinikela entweni endifuna ukuphumelela kuyo. Ndikwakholelwu ekufundeni nakuqequeso, njengoko ubuchwepheshe butshintsha qho. Umntu ufanele ukuzihlaziya ngokufumana uqequeso ukuze abe ngumilimi ophucukayo.

**Imiba yobuthathaka:** Obona buthathaka bam bukhulu kukungabi namonde kananjalo mhlawumbi ndikungxamele kakhulu ukukhulisa ishishini lam lokufama.

### Sasisingakanani isivuno sesityalo sakho ngoko wawuqalisa ukufama?

#### Singakanani ngoku kwezo zityalo?

Isityalo sam sokuqala ngqa sombona saba sisivuno seeton ezi-4 ngehektare kodwa kulo nyaka nangona ibomvu imbalela kwaye icela umngeni ndikwazile ukuvuna iiton eziyi-7,8 zeeton zombona ngehektare nganye. Le mpumelelo ndicinga ukuba yenzwiwe kukulima kwangoko okanye kukulima ngexesha

elifanelekileyo nokusoloko ndisefama yam yonke imihla. Ndikholelwu ekukhawulezeni ukusombulula iingaki nasekuzilungiseni kakuhle izixhobo zam zokusebenza phambi kokuqala kwexesha lokulima. Ndiyaqhube ngokukhangela ulwazi lokuziphucula mna kananjalo nomsebenzi wam wokufama kwaye andoyiki ukubusa kubamelwane bam abarhwebayo ukuthile kwensiwa njani na.

### Hlobo luni loqequeso osowulufu-mene kude kube ngoku iloluphi uqequeso osalunqwenelayo?

Okwangoku ndizifundile izifundo ngeNtshayelelo yokuLima uMbona, uMbona okwibanga eliphambili, iiMboty zesoya, ukufama ngenjongo yeNzupo kunye nezfundo ngoLondolozo IwaseFama kodwa ndisakunkwenela ngenene ukufunda banzi ngo-mgaqo wokungahlakuli, ukulungisa injini nolunye uqequeso ukuze ndixhobe phucukileyo ngolwazi.

### Uzibona undawoni kwiminyaka emihlanu ezayo? Ngaba unqwenela ukuzuza ntoni?

Kwiminyaka emihlanu ndingathanda ukuba nefama enkulu kunale ndinayo – mhlawumbi ndilime emasimini aphinda-phindwe kabini ngobukhulu ndibe noomatshini abaphucukileyo kunye neetretkara. Ndinqwelenla nokuba nezivuno eziphe kratya. Xa sendilapho kungaluvuyo kum ukuba noxanduva lokuphucula abanye abalimi kwindawo yam ngokubanika ulwazi.

### Ungabacebisa uthini abalimi abasaqalayo abanomnqweno wempumelelo?

Icebiso lam kubalimi abasaqalayo abanomnqweno wempumelelo kukuba mababe nomonde, bazuze ulwazi kwaye basebenze nzima ukuze baphumeze iinjongo zabo. Ndilangalazelela ukubakhuthaza ukuba bangaze bawancame amaphupha abo kwaye bazisekele imigqaliselo abanako ukuyiphumeza kananjalo bakhumbule ukuba umsebenzi wokufama ngumqaliselo wethuba elide.

**Inqaku linikelwe nguJurie Mentz, uMquuzeleli woPhuhliso IweNkqubo yaseGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi, eVryheid. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha: [jurie@grainsa.co.za](mailto:jurie@grainsa.co.za).**